**ISEBE LEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO NOCWANGCISO LOPHUHLISO UMTHETHO WOKULONDOLOZWA KWENDALO YESIZWE: UMTHETHO WEENDAWO ZOLONDOLOZO EZIKHUSELWEYO, 2003 (UMTHETHO 57 KA-2003) ISAZISO SENJONGO YOKUBHENGEZA INDAWO YOLONDOLOZONDALO IWATERKLOOF**

UMphathiswa wePhondo wooRhulumente beNgingqi, iMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso eNtshona Koloni (uMphathiswa wePhondo)—

*(a)* ngokwecandelo 33(1)*(a)* loMthetho wokuLondolozwa kweNdalo yeSizwe: UMthetho weeNdawo zoLondolozo eziKhuselweyo, 2003 (uMthetho 57 ka-2003) (uMthetho), unika isaziso senjongo yakhe—

(i) yokubhengeza, phantsi kwecandelo 23(1)*(a)*(i) loMthetho, lo mmandla ulandelayo njengendawo yolondolozondalo (indawo ekujongwe ukuba yenziwe eyolondolozondalo):

IFama iWaterkloof enguNombolo 58, emi kuMasipala waseKannaland, kwiCandelo laseLadismith, kwiPhondo laseNtshona Koloni; kubungakanani: 2062, 9245 (amaWaka amaBini namaShumi amaThandathu anesiBini khoma iThoba isiBini isiNe isiHlanu) beehekthare; ephantsi kweZiqinisekiso zoNikezelo loMhlaba ezinguNombolo T77312/2017, T24451/2020 noT24452/2020,

imida yawo eboniswe kwimephu echazwe kwiShedyuli; kunye

(ii) nokunika, phantsi kwecandelo 23(1)*(b)* loMthetho, igama elithi "Indawo yoLondozondalo iWaterkloof" kwindawo ekujongwe ukuba yenziwe eyolondolozondalo;

*(b)* wazisa ukuba le ndawo ijonge ukwenziwa eyolondolozondalo ikumzantsi wendlela iR323, ephakathi kweMiddelplaas neSeweweekspoort, malunga nee5 km kumntla womntlampuma weLadismith, eyona dolophu ikufutshane, njengoko kubinisiwe kwimephu kwiShedyuli;

*(c)* wazisa ukuba iCapeNature ivavanye indawo ekujongwe ukuba yenziwe eyolondolozondalo, kwaye kuyabonakala kolu vavanyo ukuba le indawo ekujongwe ukuba yenziwe eyolondolozondalo iqulethe inani leempawu ezenza ukuba ikufanele ukubhengezwa njengendawo yolondolozondalo;

*(d)* wazisa ukuba isenzo ekujongwe ukuba senziwe ekubhekiswa kuso kumhlathi *(a)*(i) siyahlangabezana neemfuno zecandelo 23(2)*(b)*(i), (ii) no(iii) loMthetho, njengoko lijolise ekukhuseleni indawo ekujongwe ukuba yenziwe eyolondolozondalo, eneempawu zendalo ezibalulekileyo okanye iintlobontlobo zezityalo nezilwanyana eziphilayo; ezizobunzululwazi, inkcubeko, imbali okanye ubunzululwazi ngezamandulo; kwaye idinga ukhuseleko lwexesha elide ukuze kugcinwe iintlobontlobo zezityalo nezilwanyana eziphilayo okanye ukubonelela ngempahla neenkonzo zokusingqongileyo;

*(e)* wazisa ukuba imixholo yeShedyuli kunye neenkcukacha zovavanyo ekubhekiselwe kulo kumhlathi *(c)* ingajongwa ku-https://www.capenature.co.za/protected-areas-and-stewardship;

*(f)* wazisa ukuba uMphathiswa wePhondo akazi, okwangoku, ngawo nawaphi na amalungelo anokubakho okanye umdla woluntu lwasekuhlaleni, okanye abachaphazelekayo ngaphandle komnini wendawo ekujongwe ukuba yenziwe eyolondolozondalo, onokuchatshazelwa zizenzo ekujoliswe kuzo ekubhekiswa kuzo kumhlathi *(a)*;

*(g)* umema amalungu oluntu ukuba angenise kuMphathiswa wePhondo iziphakamiso okanye izichaso ezibhaliweyo ngokuphathelele kwisenzo ekujoliswe kuso kumhlathi *(a)* zingekapheli iintsuku ezingama60 ukusuka kumhla wokupapashwa kwesi saziso kwi*Gazethi yePhondo*, ngoku—

(i) zithumela ngeposi iziphakamiso okanye izichaso ku-:

Gqr Ashley Naidoo
IGosa eliyiNtloko leSigqeba

INgqale kuNks. Kaylin Reid
CapeNature
Private Bag X29
Gatesville 7766;

(ii) zisa ngesandla iziphakamiso okanye izichaso ku-:

Nks. Kaylin Reid
Umcebisi wezoMthetho
CapeNature
kwiKona yeSitalato iBosduif neVolstruis
eBridgetown
Athlone; okanye

(iii) zithumela ngeimeyile iziphakamiso okanye izichaso ku-:

kreid@capenature.co.za; kwaye

*(h)* umema abantu abanomdla okanye abachaphazelekayo ukuba, kwiimeko ezifanelekileyo, bathumele iziphakamiso okanye izichaso zomlomo kuMphathiswa wePhondo, okanye kumntu otyunjwe nguMphathiswa wePhondo, kwixesha elichazwe kumhlathi *(g)*.

Iziphakamiso okanye izichaso ezibhaliweyo ezifunyenwe, okanye iziphakamiso okanye izichaso zomlomo ezifunyenweyo, emva komhla wokuvala zinokungahoywa.

Imibuzo ingabhekiswa kuNks. Kaylin Reid ku087 087 4102.

